Isebenza njani inkqubo yonyulo ?

Igosa lonyulo lesikolo kufuneka likhuphe izaziso zenkqubo yokutyumba kunye nezentlanganiso yokutyumba nokunyula ezixela umhla, ixesha kunye nendawo yentlanganiso. Ezi zaziso ziya kukhutshwa kwiintsuku ezingama-21 phambi kwentlanganiso leyo. Kufuneka kunikwe umfundi ngamnye iphepha lesi saziso ukuze banike abazali kwiintsuku ezili-14 phambi kwaloo ntlanganiso.

Ndilityumba njani ilungu leSGB?

Umgqatswa angatyunjwa kwaye axhaswe kuphela ngumntu olilungu laloo SGB. Kufuneka kungeniswe ifomu yokutyumba ezaliswe ngumtyumbi, umgqatswa kunye nomxhasi kwigosa lonyulo kwiintsuku ezingadlulanga kwezisixhenxe kwaye zingadlulanga iiyure ezingama-24 phambi kwentlanganiso yonyulo. Kungaphakanyiswa ilungu elithile ngexesha lonyulo ukuba omnye umntu okwakwelo hlelo uyaluxhasa olo nyulo kwaye kuzaliswa iifomu ezichanekileyo kwangobo busuku. Kufuneka kukho abazali abali-15% lenani labavoti ukuze intlanganiso yonyulo ibe nokuqhuba, ukuba akunjalo kufuneka loo ntlanganiso irhoxiselwe omnye umhla.

Ndivota njani?

Kusetyenziswa amaphepha okuvota. Iphepha ngalinye kufuneka linesitampu sesikolo okanye naluphi na uphawu olunokuthintela ukuphazamisana nawo. Umntu onelungelo lokuvota kufuneka abhale ivoti yakhe ekhusini aze afake iphepha lakhe kwibhokisi yokufaka iivoti. Abavoti abanelungelo bangacela uncedo kumagosa ovoto ukuba abakwazi ukuzenzela ngokunokwabo.

Kwenzeka ntoni emva koko?

Emva kokuba zibaliwe iivoti, ilungu ngalinye elonyuliweyo kufuneka laziswe ngokonyulwa kwalo ngeleta. Inqununu yesikolo kufuneka ibize intlanganiso yokuqala yeSGB kwiintsuku ezili-14 emva kovoto ukuze konyulelwe izikhundla. Bakuba bonyuliwe abantu ezikhundleni kufuneka inqununu ibhalele umphathi wesithili imazise ngabantu abonyuliweyo.

Khumbula:

I-SGB kunye nabani na olilungu layo uphantsi kolawulo lwesikolo. Kufuneka ibize iintlanganiso yazise abazali kwaye iqinisekise ukuba naziphi na izigqibo ezimalunga nokunyuswa kwemali yesikolo okanye ezinye izigqibo ezibalulekileyo zezemfundo zixhaswa ngokusesikweni luninzi lwabazali.

Abazali abaninzi kunye nabantu basekuhlaleni bayaziziliza ukungenela unyulo kuba bacinga ukuba abasayi kuba nalo ixesha kuba bephangela imini yonke. Bakuba bonyuliwe, amalungu eSGB angaqinisekisa iintlanganiso zingenangexesha elilungele abazali abaphangelayo nabangaphangeliyo.

Qinisekisa ukuba unelizwi kwaye udlala indima ecacileyo kwimfundo yomntwana wakho ngokuzinikela ukuba wonyulwe njengelungu leSGB okanye ngokonyula abagqatswa abaphambili abanokuba ngamalungu eSGB kwanokuqinisekisa ukuba uyavota ngomhla wokuvota. Njengelungu lasekuhlaleni elinentshisakalo ngemfundo nangekamva loMzantsi Afrika, yiba nelizwi.

Ukuba unemibuzo, qhagamshelana neNqununu yesikolo sakho, iOfisi yesiThili okanye iSebe leMfundo esisiSeko kule nombolo (012) 357 4277.

ensuring quality learning and teaching for all

Ikhwelo kubazali nakubantu basekuhlaleni

Yibanenxaxheba kumaBhunga oLawulo eZikolo (SGBs)

Funda oku

Ikhwelo kubo bonke abazali!

Yibanenxaxheba kwinkxaso yemfundo yabantwana bakho kwaye wenze ukuba iBhunga loLawulo leSikolo libe ngumlomo wakho esikolweni

Zingaphaya kwama-24 000 izikolo eziphantsi korhulumente eMzantsi Afrika kwaye isikolo ngasinye sineBhunga loLawulo leSikolo (I-SGB) elonyulwe ngentando yesininzi. Ngokuthatha inxaxheba kunyulo lweSGB, umzali ngamnye unethuba lokuba yinxalenye yephulo likaRhulumente lokuphucula iziphumo zezifundo kwakunye nokusincedisa ekuzalisekeni iminqweno yethu yemfundo esemgangathweni kuzo zonke izikolo zethu. Lithuba lakho eli njengomzali okanye njengelungu lasekuhlaleni lokuba wenze umahluko kwizikolo zethu.

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Liyintoni iBhunga loLawulo leSikolo?

I-SGB inoxanduva lokuqinisekisa ukuba isikolo siqhuba kakuhle nangobuchule. Ii-SGB ezonyulwe ngokusesikweni ziyimfuneko ukuze kuphuculwe umgangatho wemfundo; ukuqinisekisa ulawulo olusemgangathweni; ukuqinisekisa ukuba izikolo zisebenzela uluntu kwaye zizalisekisa iminqweno yabazali; ukuncedisa ekusasazeni iindleko zemfundo ngokulinganayo kubo bonke abaxhamlayo nakuluntu ngokubanzi kwakunye nokulwa ucalucalulo ngokobuhlanga, ngokwesini nazo zonke iindidi zocalucalulo nokunganyamezelani. Ii-SGB zinoxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo kubahlali besikolo kwaye zifanele ukuba zisebenze ngokuzinikela ukuze zidale iimeko zokufezekisa ukufunda nokufundisa okusemgangathweni kuzo zonke izikolo zethu.

Yenza ntoni i-SGB?

Amabhunga olawulo anendima ebalulekileyo ekuqulunqweni kwemigaqo-nkqubo ephathelene nemiba efana neyolwimi, izifundo zezenkolo, iimali zesikolo kunye nendlela yokuziphatha kwabafundi. Naxa kunjalo, kufuneka kuqatshelwe ukuba amabhunga olawulo kunyanzelekile ukuba enze imigaqo-nkqubo:

- Evumela bonke abantwana beloMzantsi Afrika ukuba bafunde;
- Ekhuthaza iimfundiso ezisisiseko zokungabi nabuhlanga nokulingana phakathi kwabafundi abangamakhwenkwe namantombazana;
- Encedisa abantu basekuhlaleni ukuba bahlonele kwaye banyamezele zonke iinkolo neenkcubeko ezikhoyo elizweni lethu;
- Ekhuthaza abantwana ukuba bathethe iilwimi ezahlukeneyo zelizwe lethu nezihlonela amalungelo abantwana kananjalo ze zikhuthaze iindlela ezingenabundlobongela zokusombulula iingxaki.

Kutheni kuyimfuneko ukuba abazali babenenxaxheba kwii-SGB?

Njengomzali unelona thuba lokukhuthaza amathuba anokubakho kubo bonke abafundi abakwisikolo sabantwana bakho, ngokuthatha inxaxheba kunyulo lweeSGB zika-2012. Luxanduva lomzali ngamnye ukuba abe nomdla kwaye abe nelizwi kulawulo lwesikolo somntwana wakhe, ukuqinisekisa ukuba isikolo sinika imfundo ekumgangatho oncomekayo kubo bonke abafundi besikolo. Amava abonise ukuba izikolo ezinabazali abazibandakanyayo kwimibandela yezikolo, zizo ezigqwesayo ngokwasezifundweni nangokwasentlalweni. Kungoko kubalulekile ukuba bonke abazali bazibandakanye kulawulo lwezikolo zabantwana babo kwaye i-SGB lelona qonga lokwenza oko. Sukusonga izandla! Yiba nenxaxheba kwimfundo yomntwana wakho wenze umahluko esikolweni. Luxanduva lwakho njengomzali okanye njengomntu wasekuhlaleni ukuba ube nendima oyidlalayo nokuba kungayiphi na indlela. Imbuyekezo oya kuyifumana kukuphucuka kwemfundo yabantwana bakho eya kubanika ikamva eliqaqambileyo neya kuba negalelo ekomelezeni uMzantsi Afrika.

Lubakho nini unyulo lweeSGB?

Unyulo lwedemokhrasi lweeSGB lujolise ekwakheni ii-SGB ezisemthethweni kwisikolo ngasinye. NgokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, amaBhunga oLawulo eZikolo (ii-SGB) kufuneka onyulwe rhoqo kwithuba leminyaka emithathu, unyulo olulandelayo kulindeleke ukuba luqhutywe kwinyanga yonke kaMatshi ka-2012.

Ngubani omakabe lilungu leSGB?

I-SGB yesikolo yenziwa ngamalungu abaluleke kakhulu: ikakhulu ngabazali, ootitshala, abasebenzi abangezotitshala, abafundi (abakwibanga lesi-8 nakumabanga angasentla) kunye nabantu basekuhlaleni. Ixesha lolawulo ngunyaka omnye kubafundi ze lingadluli kwiminyaka emithathu kwamanye amalungu. Ukongeza, iinqununu zezikolo ziba ngamalungu eSGB ngokuzenzekela.

Ngubani omakabe lilungu leSGB?

Amalungu anyuliweyo:

- Abazali okanye abagcini babantwana abakweso sikolo;
- Ootitshala;
- Abafundi bebanga lesi-8 okanye abebanga elingasentla;
- Abasebenzi abangezotitshala;
- Inqununu ngenxa yesikhundla ekuso; kunye
- namalungu atyunjiweyo

Ngubani onelungelo lokuba lilungu leSGB?

Akukho mntu uya kuvunyelwa ukuba abe lilungu leSGB ukuba:

- Akaphilanga ngokwasengqondweni kwaye oko kuqinisekisiwe yinkundla;
- Ufunyenwe enetyala waze wagwetyelwa ukubasentolongweni akanikwa thuba lakuhlawula isohlwayo ithuba elingangeenyanga ezintandathu okanye akakasigqibi isigwebo sakhe sasentolongweni; okanye umntu otshone zwabha ematyaleni ongenakuncedeka; okanye
- ongasabalelwa kuluhlu lwamalungu ebewamele ngexesha lonyulo.

Ingaba amalungu asekuhlaleni angengobazali angangamalungu eSGB na?

Ewe! I-SGB ingawamkela amalungu anezakhono kwiindawo ezinokuba luncedo kwi-SGB nasesikolweni. Nabani na wasekuhlaleni onesakhono, onobuchule, onentshisakalo kunye nokuzinikela kwimfundo esemgangathweni angamkelwa. I-SGB ingafuna umntu onesakhono sokuqokelela imali, esokuthengisa okanye esekhompyutha okanye umfundi wakudala ongusomashishini ophumeleleyo ekuhlaleni. Kubalulekile ukuqaphela ukuba amalungu amkelweyo akanalungelo lakuvota kodwa anakho ukubanegalelo elikhulu esikolweni esikwingingqi yawo.

Likhulu kangakanani ibhunga lolawulo?

Inani lamalungu angabazali kufuneka libe ngaphezulu ngomntu omnye kunenani lamanye amalungu eSGB anelungelo lokuvota edibene.

Iphondo ngalinye lineshedyuli eqingqa inani lamalungu kwisabelo ngasinye seSGB, ngokusekelwe kule khrayitheriya nakwinani labafundi ababhalisileyo kweso sikolo. Le shedyuli iyinxalenye yemithetho yephondo.

Zeziphi izikhundla ezonyulelwayo kwi-SGB?

I-SGB kufuneka yonyule abantu bezikhundla ezithile, kuquka uSihlalo, uNondyebo kunye noNobhala. Olu nyulo kufuneka lwenziwe kwintlanganiso yobhaliso eya kubanjwa kwiintsuku ezili-14 zokonyulwa kweSGB. Ngumzali kuphela onokuba nguSihlalo weSGB.

Leliphi ixesha elimiselwe i-SGB?

Ngaphandle kwamalungu angabafundi, ilungu leSGB limiselwe ixesha elingangeminyaka emithathu. Ilungu elingumfundi nelinesikhundla linexesha elingangonyaka. Amalungu anezikhundla angaphinda onyulwe kwakhona lakube liphelile ixesha lawo.